

UKUVULELA INDLELA UMYCITI

eyeThupha (Agasti) 2022, umsebenzi wendlela uza kuqalisa eGovan Mbeki Road kummandla waseHanover Park, Philippi naseWetton ukulungiselela isigaba esilandelayo senkonzo yebhasi yeMyCiTi.

ISigaba 2A seMyCiTi siza kubonelela ngezithuthi zikawonkewonke ekudala zilindelwe, ezikhuselekileyo nezithe ngqo, ezikumgangatho ophezulu kwiindawo zoluntu ezingaphezulu kwama30 kwezona ndawo zixakakileyo zezothutho zesiseko, ukusuka eKhayelitsha naseMitchells Plain ukuya eWynberg naseClaremont.

Iinkonzo zebhasi ziza kusebenza kwiindlela ezikhethekileyo zebhasi eGovan Mbeki Road, kubekho izikhululo ecaleni kwendlela ukufikelela kwiinkonzo kunye nokusuka kwenye indlela ukuya kwenye.

Kubakhweli, oku kuthetha ixesha elifutshane lokuhamba kunye neendlela ezintsha zokuya emsebenzini, iivenkile nakwiindawo zokuzonwabisa.

ISigaba 2A siza kuphucula imimandla esedolophini kwaye kuxhamle kuso, uluntu amashishini kunye nabo bonke abasebenzisi bendlela ngoyilo ngokutsha lwemihlaba, ukuphuculwa kweendlela kunye neendibanisela zeendlela okuya kunciphisa ingxinano yezithuthi, kunye neendlela eziphuculiweyo, nezikhuselekileyo zabahambi ngeenyawo nabakhweli beebhayisikile.

Kwangaxeshanye, ezi nguqu ziya kuba negalelo kuqoqosho lwemimandla ngokuthi zidale imisebenzi, ukukhuthaza uphuhliso nokutsala amathuba amatsha oshishino.

ISixeko saseKapa saphumeza imigaqo yebhasi kunye neendawo zezikhululo zazo emva kokuthethana noluntu ngo2015. ISigaba 2A siza kuthatha iminyaka embalwa eyongezelelweyo phambi kokuba sigqitywe, kodwa ukwenziwa kweendlela kuza kuqalisa kwakamsinya eGovan Mbeki Road phakathi kweJan Smuts Drive neOttery Road.



ISigaba 2A seeNkonzo zeMyCiTi siza kudala iindlela ezintsha zokuya emsebenzini, esikolweni nakwiindawo zolonwabo.

Ukwakha iSixeko esingcono

- Iinkonzo zebhasi kwiindlela ezikhethekileyo ukucutha kakhulu ixesha lokuhamba
- Izikhululo ezivuliweyo nezivaliweyo kumbindi wendlela zokukhwelisa phakathi kweendlela
- Iinkonzo ezithe ngqo ezisuka kwiindawo zoluntu ukuya kwiindawo ezidumileyo kusetyenziswa iindlela zebhasi
- Iindlela zengingqi ngentsebenziswano nabaqhubi abakhoyo bezithuthi zikawonkewonke
- Ukufikelela kwiimfuno ezizodwa zomntu wonke ezifana nezitulo ezityhalwayo ipremu, izitulo zabakhubazekileyo (wheelchair) kunye neebhayisikile
- Lipavumente ezibanzi kunye nezibane ezingcono zesitalato ukuze uhambe ngokukhuselekileyo nokukhwela ibhayisikile
- Uqhagamshelo olulula kwezinye izithuthi zikawonkewonke
- Uphuculo lwendlela kunye nokulungiswa kwendawo ukuze kuphuculwe iindawo kunye nokutsala uphuhliso
- Ukudalwa kwemisebenzi ngexesha lokusebenza kweendlela nasemva kokuqalisa kweenkonzo ukusebenza

Jonga iiplani zokwakha nokuba zithetha ukuthini kuwe.



**CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD**

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.




Iindlela ezichatshazelwa yimisebenzi yendlela

- Govan Mbeki Road, ukusuka eHeinz/Ottery Road ukuya eOld Strandfontein/Lansdowne Road
- Inxalenye yendlela iStrandfontein kunye neJan Smuts Drive kufutshane nGovan Mbeki Road
- Inxalenye yeHanover Park Avenue kunye neSpringfield Street kufutshane nesiphambuka sendlela iGovan Mbeki Road

YINTONI ECWANGCISIWEYO KULE NDAWO

Ukulungiswa kweendlela kuza kuqala eGovan Mbeki Road eHanover Park, Philippi naseWetton eyeThupha (Agasti) 2022. Umsebenzi wokuphuculwa kweendlela kunye neziphambuka, ukwakhiwa kwemizila yebhasi kunye nezikhululo kunye nokuphuculwa kwepavumente kunye nezibane ezitalatweni zabakhweli bebhayisekile nabahambi ngenyawo kucwangciselwe ukuba kuthathe iminyaka emine.



Kuza kwakhiwa isekile ephakamileyo ekudibaneni kweendlela iGovan Mbeki Road neJan Smuts Drive apho iindlela ezininzi zebhasi zeMyCiTi zidibana khona. I'Sky Circle' luhlobo lokuqala lwesekile enzelwe ukuqinisekisa ukuba iibhasi aziphazamiseki xa zidlula kwesi siphambuka kwaye azizilabazisi izithuthi.

Imisebenzi yeendlela ezicwangcisiweyo

- Ukuphuculwa kwe2.25 km yeGovan Mbeki Road, equka iindlela ezikhethekileyo zeMyCiTi.
- Ukuphuculwa kwe700m yecala leJan Smuts Drive kumacala omabini eGovan Mbeki Road
- Ukuphuculwa kwe840m yeHanover Park Avenue
- Ukwakhiwa kwesikhululo saseHanover Park seMyCiTi
- Ulwakhiwo lwesekile ephakamileyo ekudibaneni kweGovan Mbeki Road kunye neJan Smuts Drive
- Ukwandiswa kwetonela yeGovan Mbeki Road ngapha kweLotus River
- Izibonelelo zezothutho ezingasebenzi njini
- Iimpawu zendlela, izibane zesitalato, umbane, ukuphuculwa kwemimandla, imijelo yokuhambisa amanzi amdaka, iziseko zophuhliso lwethekhnoloji, imibhobho kunye nokuphawulwa kwendlela

IZA KUCHAPHAZELA NJANI IMISEBENZI YEENDLELA

Lo msebenzi uza kwenziwa ngokwezigaba kwaye uza kuqala kwisiphambuka esiphakathi kweGovan Mbeki Road neJan Smuts Drive.

Izithuthi ezindleleni ziza kulungiselelwa ngexesha lokulungiswa kwendlela kusetyenziswa iindlela zethutyana kunye neendlela zabahambi ngeenyawo. Iindlela ezingene kwiipropati nakumashishini ziya kusebenza umsebenzi uya kucwangciswa ukunciphisa ukuphazamiseka kubahambi ngeenyawo.

Nangona iinzame ziya kwenziwa ukunciphisa ukuphazamiseka, umsebenzi uya kubangela ingxinani emandla yezithuthi. Abasebenzisi beendlela bacetyiswa ukuba basebenzise izithuthi zikawonkewonke okanye bakhwele kwabanye abantu ukuthintela ukulibaziseka ngamaxesha axakelileyo, ukuba kuyenzeka.

ISixeko siyakuqonda oku kuphazamiseka kwaye sicela ukuba bonke abo bachaphazelekayo babenomonde, njengoko isiphumo iluthutho lukawonkewonke olungcono, ukuhamba kakuhle kwezithuthi, ukuphuculwa kweendlela zabahambi ngenyawo nezebhayisekile, notyalomali kwiindawo ezingqongileyo ukuze kuxhamle izizukulwana ezizayo. Sayina ungene ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe- jonga iinkukacha kwiqweqwe elingasemva.



Umsebenzi uya kwenzeka ngokwezigaba kwaye izithuthi ezindleleni ziya kubekwa iliso ngamaxesha onke, kodwa ingxinano yezithuthi ilindelekile.

Imisebenzi

Kuza kusetyenziswa abasebenzi basekuhlaleni ngexesha lokulungiswa kwendlela kuquka ukudluliselwa kwezakhono ezikhoyo kunye noqeqesho ngokuqeqeshelwa umsebenzi. Oonokhontraka basekuhlaleni nabo baya kunikwa ithuba lokubonelela ngeempahla neenkonzo. Nawaphi na amaqela anomdla kufuneka abhalise kuvimba weenkukacha zebhungana.

ISIGABA 2A: ISAHLUKO ESITSHA KWIBALI LEMYCITI

I-MyCiTi yasungulwa ngo2010 njengexalenye yokuzinikela kweSixeko kuthutho lukawonkewonke ukuze kuxhamle abahlali kunye noqoqosho lwengingqi kwizizukulwana ezizayo.

Ngokubonelela ngezothutho zikawonkewonke ezisemgangathweni ezibandakanya oololiwe, iiteksi neendlela zokuhamba, iMyCiTi idala amathuba okusebenza, ukuphila nokuphumla ngokukhuselekileyo, ngokufikelekayo nangokufanelekileyo. Ikwanceda ukuthomalalisa ingxinano yezithuthi, ukukhulisa uqoqosho nokudala imisebenzi.

Amawakawaka abakhweli sele exhamla yonke imihla kwiinkonzo zeMyCiTi eAtlantis, Melkbosstrand, Table View, Century City, Milnerton, kumbindi wesixeko, Sea Point, Camps Bay naseHout Bay.

Inyathelo elikhulu elilandelayo siSigaba 2A, esibandakanya ukwandiswa kweenkonzo kumasipala ombaxa osemazantsi mpuma.

ISigaba 2A sakhela phezu kweenkqubo ezifundiweyo kwaye abakhweli abaninzi ngakumbi abasuka kwimimandla efana neMitchells Plain, Lentegeur, Khayelitsha, Nolungile, Gugulethu, Crossroads, Manenberg, Hanover Park, Philippi, Nyanga, Ottery, Strandfontein, Claremont, Wynberg, Constantia naseHout Bay baza kuxhamla.


Umsebenzi wale projekthi ubukhulu becala uxhaswa ngemali ngurhulumente kazwelonke.



Ukungena lula kwezitulo zabo bakhubazekilekileyo, ipremu kunye neebhayisikile.



Iindlela ezikhethekileyo zinciphisa ixesha lokuhamba.



Iindlelana ezintsha kunye nezibane zesitalato zenza ikhuseleke ngakumbi.

Bhalisela ulwazi oluthe vetshe

Abahlali, amashishini kunye nabasebenzisi bendlela abachaphazekayo bayacetyiswa ukuba babhalisele ukufumana ulwazi malunga nemisebenzi yokulungiswa kwendlela kunye nokuba iza kubachaphazela njani.

Ukungena, skena ikhowudi yeQR engezantsi okanye undwendwele iwebhusayithi yethu ethi www.myciti.org.za/phase2a.

